# ICAMAGU NEWS

Eyokwindla 2024



UKULANDWA KOMOYA WOMNTU ONGASEKHOYO IKHASI 8

ULUTSHA LUDANGELE - ZUMA

PAGE 02

UCHATHA KWIMALI YENDODLA...

Uhlahlo lwabiwo-mali.

IKHASI 4



IPHEPHA LAKHO LASE MPUMA-KAPA | SIYAFUMANEKA NANGOMNATHA KU WWW.ICAMAGUONLINE.CO.ZA INOMBOLO ZOMNXEBA 072 017 0929 OR 079 552 3309 | SMAHLA - FREE


# I-ANC ITHEMBISA IMISEBENZI EYI-2 MILLION



**UMBUTHO I-AFRICAN NATIONAL CONGRESS (ANC) UTHE THACA UMQULU WAWO WEZITHEMBISO.!**

Umongameli walo mbutho uCyril Ramaphosa uthe thacha umqulu wezithembiso zalombutho kumawaka-waka abalandeli bakhe ebebegcwalise ibala iMoses Mabhida eThekwini.

Lo ka Ramaphosa uthembisa ngokudala amathuba emisebenzi angaphaya kwezigidi ezimbini kule minyaka mihlanu izayo. URamaphosa uthe yiANC kuphela ezokwazi ukuzisa inguquko kubemi baseMzantsi Afrika.

Ukanti kulindeleke ukuba ulonyulo oluzayo kweli ibe lelona lakhe lanomtsalane najengoko imininzi imibutho ecela umngeni.

## PRESIDENT HAGE GEINGOBE

1941 - 2024



### UNGCWATYWE NGESIDIMA UMONGAMELI WASE NAMIBIA

uMongameli waseNamibia ongasekhoyo u-Hage Geingob, usweleke ngomhla wesine kweyoMdumba emveni kokufunyaniswa enomhlaza. Ungcwatyelwe kwindawo yamaqhawe eliya lizwe ebizwa ngokuba yiHeroes Acre ngeCawe umhla wamashumi amabini anesihlanu kwe-Yomdumba. Ibingamawakawaka abazili kunye nee-ntloko ezingamshumi mabini anesihlanu zamazwe ngamazwe kuquka nabo babesakuba ngooMongameli ebebezimasile.






# BAKHALA NGAMANZI ABAHLALI KOMASIPALA ABALIQELA


IKHASI 3

# KUPHUCULWA UHAMBO LWEZITHUTHI EZITHWALA ABANTU ......!

I-arhante yamandla ombanei-South African National Energy Development Institute (SANEDI) isungule itekisi ehamba ngombane eNtshona-Kapa .

Kuphuculwa inkonzo yezothutho kweli, kwicandelo leetekisi. i-South African National Energy Development Institute (SANEDI) isebenzisana ne dyunivesiti yase Stellenbosch, kunye nenkampani ebizwa iRham Equipment bavelise ikhombi eyitekisi ehamba ngombane. Lamaqumrhu aye aqhuba uvavanyo lwesi sithuthi emveni kokuba siguqulwe ukusuka ekuhambeni ngamafutha ukuya embaneni. Esi sithuthi kulindeleke ukuba siphunyezwe kolunye nje uvavanyo oluncinci olusa seleyo ze emveni koko sibe sendleleni.

Umququzeleli weliphulo uGqirha Neville Smith uthe eyona njongo yabo kukukhucula ungcoliseko lomoya oludalwa zizithuthi ezithwala abantu nezisebenzisa amafutha, kwaye bakwakhawulelana nemiceli mngeni edalwa yimeko yokuguquka kwemo-zulu kwihlabathi liphela jikelele.

Ukwathe oku kuzakuncedisa nasekunyuseni iizinga lenani lezithuthi ezikweli ezithunyelwa kwamanye amazwe, nanjengoko wona sele egabadele ekusebenziseni izithuthi ezihamba ngombane.



“Sincedisa ekukhuculeni umoya ongcolisekileyo nemiceli-mngeni yokuguquka kwemozulu - Gqirha Smith”

Ukanti kuyacaca mhlophe ukuba ihlabathi liqhubela phambili nokuguqula indlela yethu yokuphila kuba kwixa elingaphambili akukho mntu ebekhe wacinga ukuba xa kungoku singathetha ngezithuthi ezihamba ngombane. Ukanti Isinhanha esaziwayo ehlabathini nesiyinzalelwane yeli u-Elon Musk waziwa ngokuba nguye owaqala ukuvelisa isithuthi sombane esigama laso liyi Tesla nangona ngoku sele ziliqela ehlabathini.

Iinkampani ezivelisa izithuthi kwihlabathi nazo ngoku zizeka mzekweni singabalula ezifana noBMW, Volvo, Mercedes, Nezinye. Ukanti okubalulekileyo xa uzithengele esi sithuthi kukwazi ukuba isithuthi eso usithengayo sinamendu okuhamba umgama ongakanani ngombane lowo ufakiweyo kuso.

Ukanti asinakuyibaleka nale yokuba ilizwe linengxaki elijongene nayo yonkinkisho mbane ingaba iyonke lomeko isithatha isibeke phi kwizithuthi zombane.




## UKUBANJWA INKUNZI KWEZITHUTHI ZEMALI KWELI?

Bomkazi Miko Maqhubela Nqayi - Facebook

Mabaqine baziphange nyani ezi-moto, urhulumente akanandaba nabantu intlupheko ayiphelikweli lizwe.

## UBUNDLOBONGELA OBUGQUBAYO KWELI NEZIXHOBO EZINGEKHO MTHETHWENI

Nkosinathi Matya - Facebook

Kanti yayaphi i-crime inteligence kweli lizwe ekwazi ukunqanda ubundlobongolela obuqququzelelwayo bungeka phuhli, ziyekelwani zingabanjwa izikrelemnqa ukanti umbutho olawulayo i-ANC noRhulumente bathulele ntoni kusonakala .

## UKUTYUNJWA KOMKHUSELI WOLUNTU

Xolani Gowa - Ngomnatha

Umkhuseli wamasela namatutu sidikiwe bububhanxa be ANC woza 2024 kuzofuneka sivote ukususa lamasela esihlalweni. Ukuba loomkhuseli ebekhethwa sithi singabantu besiyakuwabonisa lamasela angenanyhani kodwa ke noko u 2024 sele esemnyango kuzokwaziwana sizakuwabonisa.

## ABANTWANA ABASELULA ABAZINTYINTYA NGOTYWLA

Masixole Manzi - Facebook

Umntwana uyangonjwa.
Akho kwalungelo likarhulumente elinondikhulisela umntwana mna kwaye soze ndisole tavern okanye ibhotile yotywala ndikhona

## UKUVELISWA KWESITHUTHI ESIYITEKISI EHAMBA NGOMBANE

Sinawo Matiwane - Ngomnatha

Uzakunceda entweni nhaa lonto ngoba nombane lowo awulawuleki uyemnka kuyafana nje.

## IMFUXANE YEENTAKA!

Xoli Ngemntu - Facebook

Mna ndicingela amafama amancinci asakhasayo kushishino lweenkukhu ukuba ingaba aqhuba njani kulemeko kuba kaloku kuhleli kungekho nenkxaso engako kurhulumente wethu. Ingathi bangaxhaswa kakhulu kuba ngesingenangxaki yamaqanda xa bexhaswa kakuhle

## IMFAZWE YASEGAZA

Noxolo Mayitshe- Ngomnatha

Inzima into eyenzeka kwelaseGaza, ukubulawa kwabantwna abancinci-nokuhlaselwa kwezibhledlele ngamajoni akwaSirayeli ifuna ukuthathelwa amanyathelo angqingqo zizizwe zehlabathi abantu basePalestina yiminyaka besilelwa izwe labo. Kanti nombutho i-United Nations nawo urhuqa unyawo ekusombululeni legxwabangxwaba ekudala iqhubeka iiminyaka eliqela. UPalestina makanikwe ilizwe lakhe qwaba.

# UZUMA UTHI I-MK IZAKUPHELISA UKUDANGALA KULUTSHA

-

Lowo wayesakuba nguMongameli Weli- Umnu Jacob Gedleyihlekisa Zuma, uthi ukungena elulawuleni kombutho wakhe i-Mkhonto Wesizwe Party uzakuphelisa ukudangala kwanokuxhomekeka kwabantu abatsha.

Lo kaZuma uthe ulutsha lwangoku lutshone zwabha etywaleni ngeli ylixa ezinye iizizwe zisenza konke okusemandleni azo ukuxhobisa ulutsha ngezakhono zobugcisa. Uqhube wathi kufanele ukuba ulutsha lweli lunyanzeliswe ukuba luye ezikolweni ngenkani.

Ukanti kwenye intetho yakhe yangaphambili uMsholozi ebekwavakalise ukuba umbutho wakhe awuhambisana nokukhulelwa kwabantwna abaselula.

uZuma ugxeke iimitshato yabesini esinye esithi ukuphatha kweqela lakhe iMK party konke oku kuzofuneka kuzojongwe okutsha. Ukwaphinde wathi uhlobo lomthetho wamaRoma namDatshi (Roman-Dutch Law) kweli nawo kufuneka uguzulwe ukuze kunikwe ithuba inkqubo yobulungisa emele ubu Afrika hayi le ikhoyo ngoku. Le nkokheli ibiseMaqongqo eMgugundlovu ngexesha ithetha nabalendaeli beqela layo.



@Icamagulive

# ICAMAGU NEWS

IKUTHEMBISA IINDABA EZINGENAMKHETHE KWAYEFUTHI EZINGATHATHI CALA UBULUNGU BETHU KULAMAQUMRHU ANGEZANTSI BUQINISEKISA KANYE OKO.

AIP | ASSOCIATION OF INDEPENDENT PUBLISHERS

SANEF SOUTH AFRICAN NATIONAL EDITORS' FORUM It's about South Africa.

# SIZAKUVOTA NJANI SINGENA MANZI?

# ABAHLALI BOOMASIPALA BASEMATHOLE BAKHALA NGAMANZI ANGEKHOYO.

### KWELI XESHA SIPHILA KULO BANZINZI ABANTU ABAZIBABAZA




Uluntu lwaseQumrha phantsi koMasipala oombhaxa waseAmathole District lulugcwabevu ngumsindo emveni kokuba kuphela iinyanga ezintathu abahlali balomandla bengenamanzi. Abahlali bathi bebekade bexhomekeke kumanzi afunxwa emathunjini omhlaba, nathe avalwa nguloMasipala waseAmathole kuba esithi ufuna ukuvavanya ukulungela kwawo ukusetyenziswa luluntu.

Othethela abahlali uMnu Andile Laydo Mngeni uthi "oko basebenzisa lamanzi abazange bafumana zingxaki, kwaye xa kungoku uluntu lusengxakini yokushokoxeka kwamanzi. Uqhuba athi iiklinikhi nezikolo nazo zisele zingenalo nethontsi lamanzi ngenxa yesi senzo sikaMasipala. Omnye umhlali ongafunanga ukuzichaza uthi uMasipala ngo 2021 wathembisa ngokulungisa imibhobho enkinkisha amanzi ukusuka kwibhulorho yaseNciba ukuya eQumrha, kodwa xa kunamhla ezo zithembiso azikafezekiswa kwaye ilokishi yonke yase-Qumrha ayikabi namanzi.


Ukanti uMasipala waseAmathole ngomhla wesibhozo kule yoMdumba uvakalise ukutyumba igqiza elizakujongana nemiceli mngeni edalwa lunqongophalo lwamanzi kooMasipala bayo. Lo Masipala uthe ukhethe abaququzeleli abasibhozo kumasipala ngamnye wesithili. USodolophu uMnu Anele Ntsangani uthe eli gqiza lizakuncedisana nomasipala wakhe ukuqwalasela ingxaki yamanzi kwiindawo eziliqela zaloMasipala. Usodolophu uqhube wathi ukutyumjwa kweligqiza kuzakuzisa umnyinyiva ngokukhawuleza kulengxaki yamanzi, kwaye lizakusebenzisana neofisi kaManejala WoMasipala uGqirha Bhekisisa Mthembu. Ukwalumnkise uluntu ukuba eli gqiza lilithathe nje ngabantu bolawulo hayi abapolitiki nanjengoko umsebenzi wabo uzobe ungokulawula lengxaki yamanzi.

Ukanti uNkosikazi Nomonde Dyani otyunjiweyo ukuba ajongane neengxaki yamanzi kuMasipala wase Great Kei oquka iQumrha neziphaluka uvakalise kumyalezo oshicilelweyo ukuba "uMasipala uzama ngako konke ukulungisa lemeko kwaye iiloli abanazo ezithutha amanzi kuMasipala iGreat Kei, enye yonakele ngeli lixa ibe iphelelwa sisivumelwano sayo sengqesho phakathi kwayo noMasipala, eyesibini iinengxaki nayo. Ezi loli zithatha iintsuku ezintathu ukuya kwiveki ukuphinda zibuye zize namanzi eluntwini". Watsho esithi inzame ziyenziwa ukulungisa lemeko.

Ukanti abahlali abaninzi ayibaxolisi lemeko nanjengoko sele kulithuba benganamanzi. Uceba wendawo uMnu Zola Tshali uthe lengxaki ingaphezu kwakhe watsho edomboza kuNkosikazi Dyani ngomyalezo oshicilelweyo ukuba aqinisekise ukuba amanzi ayafika ngokukhawuleza. Omnye umhlali ongafunanga ukuzichaza naye uthe iindaba yeeloli ezizisa amanzi, isivumelwano sazo nomasipala kunye nokonakala kwazo yindima ebekufanele ilungiswe kwangethuba ngabo babandakanyekayo.

Lo mhlali uthi ibisaziwa kwantlandlolo eyokuba isivumelwano seeloli ezo siphelelwa nini na. Sizakuvota njani kengoku phantsi kwalemeko – utshilo

Ukanti ngexesha lokushicilela kwethu ibali eli impompo zaseQumrha bezisakhala umoya. @icamagunews




TO ADVERTISE CALL
079 552 3309

# SOCIAL GRANTS TO INCREASE IN 2024

**Social grants are expected to increase to keep in line with inflation and increase access for those who are eligible.**

This does not include the Social Relief of Distress Grant (SRD Grant) also known as the R350 grant.

This was announced by Finance Minister Enoch Godongwana during the Budget Speech delivered in Cape Town on Wednesday.

"We are sensitive to the increase in the cost of living for the nearly 19 million South Africans who rely on these grants to make ends meet. In this regard, we have done as much as the fiscal envelope allows," he said.

The increases to be implemented during this year are as follows:

An increase of R100 to the old age, war veterans, disability, and care dependency grants. This amount will be divided into R90 effective from April, and R10 effective October.

A R50 increase to the foster care grant; and

A R20 increase to the child support grant.

In the expanded Budget 2024 review, National Treasury explained that social grant expenditure – excluding the SRD grant – will increase from R217.1 billion in 2023/24 to R259.3 billion in 2026/27.

The COVID-19 Social Relief of Distress Grant is allocated R33.6 billion in 2024/25 with provisional allocations for the 2025/26 and 2026/27.

"Work is currently underway to improve the COVID-19 Social Relief of Distress Grant by April this year. National Treasury will work with the Department of Social Development in ensuring that improvements in this grant are captured in the final regulations.

"These improvements will be within the current fiscal framework. For the extension of the grant beyond March 2025, the social security policy reforms, together with the funding source, will be finalised," the Minister said.

National Treasury expects that grant beneficiaries, excluding those receiving the COVID-19 SRD Grant, are projected to increase from 18.8 million in 2023/24 to 19.7 million in 2026/27. – **SAnews.gov.za**







TO ADVERTISE
CALL
079 552 3309

# "BUYANI ZIBONAKELE" - AHLAB' IKHWELO AMATSHANTLIZIYO ENKCUBEKO NESINTU ?

## SIKUPHATHELA INTETHO ECATSHULWE KUMATSHANTLIZIYO ESINTU NENKCUBEKO NGEXESHA KUBHIYOZELWA IIMINYAKA EMITHATHU KWASEKWA ISIKHULULO ICAMAGU RADIO.

**Momelezi kaDinga**

Singamaqaba ke qwaba, kwaye singamaqaba ngokuzalwa ngoba ekuzalweni komntwana elona siko lokuqala ebelisenziwa ibilisiko lokuqatywa nalapho bekuye kuthatyathwa khona amafutha ekhaya kuhlanganiswe namakhubalo khona ukuze lowo uzelweyo afumane ukuphila.

Kusenziwa oku kube kuwiswa nebhokwe khona ukuze umntwana azokufakwa kwisangqa sekhaya. Ngoko ke ukuba uthi awuloqaba uyazithuka wena, unyemba imvelaphi yakho. Le yintetho kamnu uMomelezi Wesizwe kaDinga nongumphembeleli wenkolo kaNtu. IBhele eli ibisisithethi sembeko kwicweya kokubhiyozela usuku lokuzingca ngamasiko nezithethe nobubanjelwe eMonti kwisikhululo sosasazo i-Icamagu Radio kwinyanga yoMsintsi.

Xa kunamhlanje abantu bakhetha ukwenzela abantwana babo amasiko asemzini afana nee-birthdays endaweni yokulandela iizithethe namasiko ooyise-mkhulu utyatyadule watsho uLanga.

Ukanti ukwavakalise ukuba i-Afrika le yinzala-bantu kungako uye ufumanise ukuba kuphando oluye lwenziwa phambilini oyena mntu mdala apha ehlabathini uvela kweli lizwekazi ngoko kumele sizingce ngobu Afrika bethu.

Ukwaphawulile nangenkolo nalapho athe enye yengxaki zethu kulemihla zadalwa nguNtsikana kaGabha nowavuma ukuba asetyenziswa ngabasemzini phantsi komfundisi uGqirha Johannes Van der Kemp ukulahlekisa isizwe esintsundu ngokuthi uyaprofetha ngonyaka ka 1815. Ezi ziprofetho zikaNtsikana zathetha ngeezinto ebesele zenzekile kwakwithuba elingaphambili ngokungathi zintsha, kwaye eyona njongo yayikukununusa abantu ngebhayibhile ukuze bohlukane nemontlalo yabo.

Umzi ontsundu ube une montlalo yawo ngokwamakhaya, iziduko nobuzwe kwaye konke oku bekungahlangene nabhayibhile esibe sinunuswa ngayo ngabamhlophe utshilo uBhele.





Mncedi Liwani

Uninzi lwabantu luya ezicaweni ingekukho ukuba luzakufumana uzinzo ngokomoya koko ukwenzela ukuba besakubhubha ze bangcwatywe yinkonzo leyo.

Lento nesele isenzeka ixesha elide idale ingqondo ebantwini yokucinga ukuba phambili phaya mhla mnene bekungekho ndlela yokungcwaba ngelaxesha iinkonzo ibingekafiki, kanti akunjalo. La ngamazwi kaMnu Mncedi Liwani uSomasiko ethetha kwicweya losuku lokuzidla ngamasiko nezithethe nobubanjelwe aMonti kwisikhululo i-Icamagu Radio.

Lo ka Liwani uthe iityalike mazohlukane nokugxibha amaziko nezithethe zemizi ngoba azingeni ndawo emasikweni amakhaya kwaye akukho siko likhe lenziwa ecaweni ngoko ke ibuya inike umnqa indaba yabantu abashumayela begxibha amasiko.

Enye yezinto ezithethwe ngulo kaLiwani kukuba abanye abantu baxhela iibhokwe kumakhaya abo ukulungisa iziphene ezikhoyo kube ngamanye amaxesha bekudingeka nje ilizwi kunye nesilawu ukuze umntu lowo unengxaki aba nokuphila.

Asililo lonke isiko elifuna ibhokhwe ezinye iziphene zilungiswa ngokuphehlwa kwesilawu sekhaya kwanokuma emaxhantini akowenu ukuze umntu ufumane uzinzo.

---



# ISIVIVANE SONQULO

**MOMELEZI KA DINGA**

*MASICAMAGUSHE*

Namhlanje ke masikhe sifundisane geSivivana

ISivivana sindidi mbini:

1. ISivivana *esiliDlaka*
2. IsiVivana *soNqulo*

1.1. IZivivana zamaDlaka be zisakhiwa ngaBathwa, ooNoqhakancu kwakunye namaZingela/Abazingeli.

Ababantu ndibakhankanye apha ngasentla bebethi xa bebona umntu abangamaziyo elandulele eli abe umzimba wakhe usempengempengeni nokuba ngamathambo omntu bamlungise kakuhle, ze bamngcwabe ngokumogquma ngokubeka ingqumba yamatye phezukwakhe khona ukuze ithambo lalomntu lingabikho sesichengeni . Olu hlobo lweSivivana beluvame ukuxhaphaka endle, kwii ndlela neendledlana zemigama emide.

Bebethi ke abahambi, abazingeli, abembi bamayeza kwakunye nabaphambukeli bakubona ezonqumba zamatye bathabathe amatye nabo ngentlonipho-kazi enkulu baphose kweso Sivivana. Ngokwenza njalo ke babe behlonipha lowo ulandule-leyo eli bekwacenga nomoya wakhe ukuba ungabina ntukuthelo nolaka ngakubo koko ubaphe amandla nokhuselo kuhambo olo baluthabathayo.

2.2. IsiVivana soNqulo sona besichongwa ziiMboni, iZazi okanye iiNgwevu neeNgwevukazi zesosizwe sibandakanyekayo, ngokugunyaziswa likomkhulu lalongingqi.

Phakathi kweendawo ebe zityunjwa ibizincotshe zeeNduli neeNtaba ezinemiqolomba apho kutyalwa khona iinkosi neeKumkani, iimilambo, iimithombo, amachibi, iziziba, amathafa athile kwakunye namahlathi endalo ngokwemiqondiso eyaziwayo neziganeko ezibonisa ubu nganga bobuHlwele kulongingqi.

IziVivana zonqulo bekuyiwa kuzo xa kuyohewulwa uMnqa (isiganeko esimasikizi nesi ngaqhelekanga nesinganobungozi obu nobuzaza nobendeleyo kuluntu). Bekukwayiwa nangokwezigaba zonyaka kuyocelwa ubulumko nokhuselo kwiZinyanya ngesigaba ngasinye sonyaka .

Imizekelo:

1. ENtwasahlobo (kuyovulwa unyaka kucelwa nendyebo nokhuselo kwezolimo nemfuyo kwakunye nemozulu engenalaka ).
2. EHlotyeni (kwakuyokucelwa amandla eLanga namathamsanqa kwindalo).
3. EKwindla (kwakuyokubulelwa ukutya kuvulwe nolibo ngokusesikweni).
4. EBusika (kwakuyokucelwa ubulumnko bokutshintsha amakhabathiso obom kwiiNkwenkwezi).

Oluhlobo lonqulo beluqala komkhulu ngodlwabevu lwentlombe. Bekuthi ke lingekaphumi iLanga ngosuku olulandelayo kuphunywe ngumntu wonke komkhulu ngomngcele kusombelelwa phantsi ngentlonipho ingoma ezukileyo kusiyiwa esiVivaneni eso soNqulo.

www.icamaguradio.co.za

TO ADVERTISE
CALL
079 552 3309

# UNSUCCESSFUL NSFAS APPLICANTS URGED TO LODGE AN APPEAL

The National Student Financial Aid Scheme (NSFAS) has encouraged students whose application for financial aid has been rejected or withdrawn, to lodge an appeal with the scheme.

Rejected students must submit an appeal by logging on to the myNSFAS website and supplying all the required information within 30 days of receiving their application results.

"Unsuccessful applicants will have an appeal option appear on their myNSFAS accounts and they can click on to it to start the appeal process," NSFAS said.

The scheme noted there are a number of reasons why an application is rejected, and this includes a household income of more than R350 000 per annum, failing to meet academic eligibility, and an incomplete application, among others.

The scheme also noted that the appeal decisions are subject to budget availability.

**How to submit NSFAS Appeal**

- Visit the myNSFAS portal https://my.nsfas.org.za
- Log into your myNSFAS account
- Select the 'Track Funding Progress' option
- Check the application progress tabs

"If your application status shows that you are unsuccessful, you may submit an appeal by clicking on the 'Submit Appeal Tab.' Once you are on the 'Application Appeal' page, you can look for the reason for your unsuccessful application status.

"You will then be able to choose the appeal reason. Upload certified supporting documents to support your reason [and] Click 'Submit Appeal," NSFAS explained. - gcis

# BUBUGOXO INKONZO YEPOSI KWELI!




Isemgxobhozweni inkonzo yeposi yeli loMzantsi Afrika. Iggiza lethu belindwendwele iposi enkulu yaseMonti nekumbindi wedolophu. Ekufikeni kwethu sigagane nemiqodi yabantu abazokurhola imali yabo yendodla kwanabo bazokutsala iimali kwibanki yeposi leyo. Okokuqala sifike kungekho magosa akhoyo kwiikhawunta zonke zeposi, esithe xa sibuza abantu ngaphakathi ukuba kwenzeka ntoni sadibana noMama uNomandithini Sileku wase-Duncan Village othi okoko ebekuleposi kwangentseni ukanti baxelelwe ngomzumzu wokugqibela ukuba akukho mali ikhoyo kuvimba weposi ngoko kufuneka balinde kubekho abantu abazo kuhlawulela iinkonzo ukuze bancedwe. Uqhube wathi sele behleli nje apho belindele ilizwi lokuba izakubakho nini imali yabo.

Omnye umsebenzisi weposi USixolise Simayile wase-Orange Groove eMonti uthe sele esiza kule posi amatyeli amahlanu kwaye qho xa efika apha uxelelwa ngengxaki kacimicimi wombane ebangela ukuba angakwazi ukuncedwa, lo uSmayile uthe kwanabantu abancedayo apha abanandlela yokuthetha nabantu bayabaphoxa xa bebuzwa iimibuzo.

Kunyaka ophelileyo kuye kwathi ndii amarhe okuba inkonzo yeposi yeli intyumpantyumpeka ematyaleni kwaye ilahlekelwe yimali eqikelelwa kwi 1.85 yebhiliyoni zeerandi. Ukanti ke iinzame zokucela ukonyulwa kweposi ngurhulumente zaye zawa phantsi emveni kwesicelo salenkampani sokuba urhulumente asonyule ngemali eqikelelwa kwisibhozo sebhiliyoni (8 bhilliyoni). Ukanti Isebe Lezonxibelelwano kunye nobugcisa kwinyanga yethupha lithe thacha isiphakamiso somthetho sihlomelo epalamente obizwa ngokuba yi-South African Post office Ammendment Bill (2002). Ngoku kaMphathiswa Wesebe uNkosikazi Khumbudzo Ntshaveni ukuphuculwa kwalomthetho ka 2002 kuzakuyinceda iposi ekuguquleni indlela esebenza ngayo khona ukuze ikwazi ukumelana nobugocigoci balamaxesha.






# QUEEN NANDI - YINGQAWA?



**UNANDIPHA MLOMBI NOWAZIWA NGO-QUEEN NANDI KUMAQONGA EZONXIBELELWANO NGOMNYE WABAPHEMBELELI ABAPHAMBILI BOMXHOLO KUMAQONGA EZONXIBELELWANO. KWAYE UZAKHELE UDUMO!**

Nokuba uyamthanda okanye awumthandi Unkosikazi Nandipha Mlombi nowaziwa ngoQueen Nandi yinzwakazi enomqolo nekwaziyo ukuyimela into yayo. Le nzwakazi yathi yazakhela udumo emveni kokugxeka esidlangalaleni indlela ityalike yamaWesile eyaphatha ngayo umyeni wayo nongumfundisi kwelibandla.

uQueen Nandi unabantwana abathandathu nonyawontle lo kwaye uthetha phandle ngenzala yakhe kwanendlela awabafumana ngayo. Uninzi lwabantu lumthyola ngobungqwabalala kwanobukrwada ngendlela athetha ngayo esidlangalaleni ngezinto zebandla elo. Le enzwakazi ayiphelanga apho nanjengoko iye yaqhuba kumaqonga aliqela kuquka namaziko osasazo ibhentsisa amanyhundululu ebandla elo.

Oku kudale ukuba kubeko uvukelo olumandla ngakuQueen Nandi de kwabe kusekwa i-akhawunti ezifihlakeleyo ekuthiwa ziveza awakhe amanyhundululu. Kuyo yonke lento lenzwakazi isamile nasemveni kokuguzulwa kukhuphiswano uMrs Southern Africa nalapho wayengenelele njengamanye amakhosikazi afuna ukugqama kweli. Ukanti ngokwabaququzeleli bolukhuphiswano esona sizathu ibe ikukukhusela isidima sabo.

Endaweni yokuthezeka amandla uQueen Nandi emva kwesi senzo uqhubekekile ebonisa ukuzithemba kwanokuma kwinto ayithethayo. Le nzwakazi inenani labalandeli abangaphaya kwamawaka angamakhulu amabini (200 000) kumaqonga ezonxibelelwano, ukanti asakhula awamanga ndawen' inye.

Nokuba uyamthanda okanye awumthandi kodwa xa kungoku le nzwakazi yenye nje yabaphembeleli bomxholo abaphambili kumaqonga ezonxibelelwano. Kuba sisizungu xa kungakhange kubekho bani uchaphazela igama lalenzwakazi.

@IcamaguLive

# AMAPHUPHA NEE NOMBOLO

Ngu: Lulama Mpahla

Uninzi lwabantu luyavumelena ukuba lukhona unxibelelwa phakathi kwamaphupha namanani kwaye oku kungqinwa naku kubona inxalenye yabantu bakuthi isadlala umdlalo obizwa ngokuba yiFafhee okanye uMtshayina kweli nongumdlalo wokungcakaza oneminyaka eliqela ukhona kwaye udlalwa ngoku qashisile amanani athi oyanyaniswe nokuba umdlali lowo yintoni ayiphuphuleyo.

Lomdlalo ngomnye wesiqinisekiso sokuba ngenene lukhona unxibelelwano phakathi kwamaphupho kunye namanani. Nangona nje lomdlalo ungaphunyezwanga liqumrhu lokulawula ukungcakaza kweli kodwa wona usadlalwa emfihlakalweni. Umdlao womtshayina okanye iFafheeI udlalwa ngenombolo eziphela kumashumi amathathu anesithandathu. kwaye inombolo nganye inenkcazelo yayo:

1. iKumkani 2. Imfene 3. Amanzi (Ulwandle/umlambo) 4. Umntu ongutata ongasekhoyo 5. Izilwanyana ezinkulu (Big5) 6. Izilwanyane zasekhaya 7. Utshaba 8. Ihagu 9. Umnqwazi 10. Amaqanda 11. Isithuthi 12.



Umntu Ongumama 13. Intlanzi (Ukrebe/Umnenga) 14. Umakhulu 15. Ubuhenyu 16. Amahobe 17. Umfazi womlungu 18. Imali ezingqekembe 19. Amantombazana20. Ikati 21. Indlovu 22. Isikhephe. 23. Ihashe 24. Umlomo 25. Indlu enkulu 26. Inyosi okanye abantu abaninzi 27. Inja 28. Intlanzi Encinci 29 Amanzi mancinci 30. Umfundisi 31. Umlilo Omkhulu 32. Imali engamaphepha 33. Abafana okanye igquba lamakhwenkwe 34. Ilindle 35. Isitho somzimba (ingakumbi ilungu elichaza ubuni) 36. Induku.

Umntu lowo uthe waphupha uye ahlanganise iizinto ezo zisephupheni lakhe aze azoyamanise nee nombolo zeFafhee. Abadlali balomdlalo bathi eyona ndlela yokuphumelela lomdlalo kukungqamanisa amanani ngendlela wandule kengoku udlale. Ikwa yile ndlela inye umntu anokudlala kwangayo umdlalo weLotto nangona nje amanani waya ethe kratya kulawo we Fafhee.

# ADLALE NGENDLELA ENCOMEKAYO AMAKHWENKWE KA HUGO BROOS

### ABEMI BASEMZANTSI AFRIKA BAYANGQINELANA UKUBA NOKO IQELA LEBHOLA EKHATYWAYO KWELI LIDLALE NGENDLELA ENCOMEKAYO KWITUMENTE YEAFCON EBANJELWE E-IVORY COAST NANGONA LINGAFIKANGA NJE KUMAGQIBELA KANKQOYI



Iqela lebhola ekhatywayo loMzantsi Afrika lizise ithemba kubemi beli ebesele bephelelwe ngumdla ekulixhaseni.

Oku kusemva kokuba eli qela nelikhokelwa nguKaputeni walo u-Ronwen Williams bavuselele umdla wabemi beli emva kokufikelela kwi Semi-Finals zalomdlalo nalapho babethwe kwii penalty liqela lase Nigeria.

Abafana Bafana baye kulendebe beneqela labadlali ebetywathe uxanduva lwelizwe emagxeni alo, kwanokubuyisela isidima so Mzantsi Afrika kwibhola ekhatywayo.

La makhwenkwe kulindeleke ukuba abuyele ekhaya ezingca kunangaphambili nanjengoko ekwazile ukutywatyusha amaqela amakhulu ebelithemba kuletumente

Follow us on facebook

# SISAPHALA KUHLE ISIKHULULO ICAMAGU RADIO EMVA KWEMICELI MNGENI ELIQELA







## IINKQUBO

MONDAYS - FRIDAYS
10:00 - 13:00
MAKWANDE INKQUBO EXOXA IMIBA YOKUHLALA NEENGCEBISO ZOKUPHILA.

MONDAYS - FRIDAY-
15:00 - 18:00
SIJIKA NAWE INKQUBO YASEMVA KWEDINALA

SATURDAY & SUNDAYS
10:00 - 13:00
EZETHU - INKQUBO ELUNGISELELWE ULUTSHA NEZI-

WWW.ICAMAGURADIO.CO.ZA

---

icamagu Radio

# ISINTU SAKHO

### UKULANDWA KOMOYA WONGASEKHOYO!

Le yinkqubo elandelwayo kwa-Ntu xa kusondezwa umoya walowo uthe walandulela eli, etshaba nga- phandle kwekhaya. Kusengenzeka ukuba lowo utshabileyo ugaxeleke engozini , ugulile okanye kukufa kwendalo kodwa kunyanzelekile xa umntu lowo etshabele kude nekhaya abantu bakubo kulandel- we lenkqubo. Mandulo phaya umn- tu ebethi xa ehlelwe kukufa kudenekhaya afihlelwe apho kulondawo abhubhele kuyo efihlwa ngabo bantu bakhoyo ngeloxesha kun-gathaliseki nokuba ayingomalunguosapho lwakhe na kakade.

Kodwa bekusithi xa efihlwa umntu lowo kuyalezwe kwizinyanya kusetyenziswa ihlamvu lomthi uMphafa (Buffalo Thorn) ngol-wasemzini khona ukuze abantu bakhe babenokukwazi ukuqhag- amshelana ngomoya aze naye ak- wazi ukuvela kubo ngamathongo. Kungako ke usiva kukho intetho ethi “ingcwaba lendoda lisecaleni kwendlela“. Kuzakuthi ikhaya lakhe lakuva likhuphe abantu nehlamvulomphafa ukuba liyokulanda lomn-tu ngokomoya apho awele khonalimzise ekhayeni. Bekungombiwa mathambo koko kuthethwa ngeli-zwi kusetyenziswe lomthi womph-afa nonguwo kuphela onamandla okwenza lomsebenzi.

Xa kulandwa umoya walomntu kufuneka kukho umntu ozalwa na-lomntu kungenjalo ozalwa nguye nozakuphatha elihlamvu nozakubanguye ozakucenga umoya walowoungasekhoyo. Ngababantu kuphela abanamagunya nelungelo lokwen-za oku hayi omnye umntu. Lomse-benzi uqhutywa kwaye ukhokelwelikhaya. Zizakuyaleza ke ingwevu zekhaya kumaxhanti ekhaya ukubauyaphuma umzi wamathile ubheka ekuthini usiya kulanda umoya ka- bani owawela apho, batsho bandu- luke abo bathunyiweyo.

Besakufika apho baxoxe bexelela lowo uzokulandwa ukuba bazo- kumlanda ze benjenjalo ukujika babuyela ekhayani. Ngalo lonke elixesha elihlamvu lomphafa lis- esandleni salowo utyunjwe likhayayaye naye kufuneka apha endle- leni ahambe ewucenga lomoya. Besakufika ekhaya lizakuhlatywaethangweni ngaphandle elihlam-vu kuwiswe inkabi yebhokhwe engenisa umoya walo ebelandwa ekhaya. Inzondelelo yalento kuku-ba lowo uthe wasweleka abesisin-yanya esikhoyo nesiphila phakathikwekhaya ngaxesha lonke.



# I-KIDDS BEACH ISEKE ISETYANA LIKA KHONGOLOSE



*Libhalwe nguCIRHA*

Iilali zaseNcerha, Tsholomnqa nooSunny Side zakuyazi kakuhle indawo ekuthiwa yiKidd's Beach elele kumgama ongange-30km ukusuka eMonti. Abantu abasuka kwiilali eziyingqongileyo sebesiya kuyo ngokuyokuthenga ukutya okufumaneka ngamaxabiso afikelelekayo kudederhu lweevenkile esele zipha. Nangona kunjalo asekhona amathuba okuyiphucula nangakumbi le ndawo yaseKidd's Beach.

"Sinethemba lokuba kwakude kwakhiwe isibhedlele apha eKidd's Beach, sinawo nomnqweno wokude sibone kuvulwa ii-ofisi zezi nkampani zabucala apha ukuze abantu bakwazi ukusebenza kufuphi namakhaya kwaye kuvele namanye amathuba engqesho kwalapha kufuphi," kutsho usihlalo omtsha weli setyana leANC eKidd's Beach, uAyanda Mdledle, othethe neli phephandaba emva kwendibano yolonyulo lwabo kwiholo labahlali ngeCawe umhla we-3 kule yoKwindla (March) 2024.

Kule ndibano bekukho ikomiti yesigqeba sesebe, ethe yabelana ngolwazi kwakunye nomgaqo-siseko weANC kubahlali nala malungu matsha eli sebe lincinci (sub-branch) yaseKidd's Beach. Esi sigqeba sikaWard 31 sikwaphawule nokubaluleka kokuqinisekisa ukuba amanina ayafakwa nawo kulawulo kwaye nezwi lawo liyaphulaphulwa.

"Eyona nto siyivuyelayo kukuba sakutsho sikwazi ukuthatha inxaxheba ngqo kwiiRoadshow zesicwangciso sophuhliso esihlanganisiweyo (IDP) singabahlali balapha. Sakutsho sikwazi nokufumana indlebe kaceba walapha kuWard 31, sikwazi nokuziququzelela iindibano. Sakukwazi nokuthatha inxaxheba kwiinkqubo zokuphuhlisa le ndawo," uqhube watsho uMdledle osele eneminyak esibhozo ehlala eKidd's Beach.

Uceba kaWard 31, onguBonakele Bangani, ozinze eSunny South ekufuphi neKidd's Beach yena wongeze ngelithi "Siyayivuyela kakhulu le nto yokuba kusekwe le sub-branch apha eKidd's Beach ngoba izakubangela ukuba uluvo lwabahlali sikwazi ukulufumana kakuhle. Nam ndakutsho ndibenayo nendlela yokunxulumana nabhahlali balapha lula via this sub-branch."

Ukanti nomhlali obezimase le ndibano yangeCawe uphawule wenjenje: "Njengokuba sinesi-Structure seANC esitsha apha sakutsho sikwazi ukuthetha noceba ngqo kwaye akwazi ukugqithisa iingxaki zethu kurhulumente. Sakutsho sikwazi nokuphakamisa izinto ezintsha ngokwethu."

Indawo yaseKidd's Beach yaqalwa pha ngonyaka ka-1870; ilihlathi nje ekwakuye kufikelwe kuyo ngoonyawontle noondlebe-zikhany' ilanga. Apho ke babaye baseke iintente kwakunye namatyotyombe wabo. Yayikade iyiShone Beach igama layo, ithiywe emva konovenkile onguWillie Shone ngoko. Yahamba yahamba yaphinde yathiywa ngegama likaMnu Kidd. Yayikade iyindawana nje yokufikela nokuya elwandle, kusenziwa namatheko eKrismesi kuyo.

Namhlanje iKidd's Beach sele iphuhla mpela kwaye; kwakhiwa iindawo zokuhlala ezintsha ngabakwaMission Holding Group (MHG), kukwakho nezikolo ezimbini, ithala leencwadi, isikhululo samapolisa, iiCawe ezintathu nodederhu lweevenkile. Kubekho nolwandle likanokutsho elithandwa nguwonkewonke neligcwala qhu kweyoMnga (December). Kukwalungiswa nendlela engengayo kule 'dolophana'.

Amagama esigqeba esakuthi sikhokele leSub-Branch intsha kuWard 31 ahamba kanje (kumfanekiso):

*Chairperson: Ayanda Mdledle*

*Deputy chair: Thembinkosi Nxawe*

*Secretary: Mhlupheki Namba*

*Deputy Secretary: Zandile Maholwana*

*Additional member: Siviwe Mangcu and Okuhle Mdodana*

*Kukwakho nosihlalo wesigqeba sesebe, uThandi Ndabeni (isikipha esimhlophe nekepusi)*

# @ICAMAGU LIVE #EKUHLALENI













UKUBA UNOMCIMBI EKUHLALENI ONGATHANDA UKUBA SIWUSHICHILELE SITSALELE UMNXEBA KU

0720170939

OKANYE UTHUMELE UWHATSAPP KU

0795523309

LIKE US ON facebook

@icamagunews

ICAMAGU Media & Communication